Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: UThixo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 2 esithi “uThixo”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku…)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye nomMhathi webandla wesiKolo seCawa okanye utitshala wesiQinisekiso ukufumana inkcukacha eyongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UThixo
Isifundo seBhayibhile **ICatechism & Q&A**	Genesis 1: 11; Genesis 11: 26-27; Yohane 3: 16; Yohane 14: 6;1 Yohane 3: 2; Efese 1: 4 Isahluko 3, Imibuzo neeMpendulo 41; 51, 52, 61, 62; 67
Injongo yesifundo	Abaqinisekiswa bayakholwa kuThixo uYise nakuMdali. Bayamazi kwaye bamthembile.

Isishwankathelo sesifundo:

Kuphuma phi ukondliwa (ukutya) kwethu?

KwiGenesis 1: 11: UThixo wathi, "Umhlaba mawuvelise ingca, imifuno evelisa imbewu, imithi yeziqhamo eyenza iziqhamo ngohlobo lwayo, embewu ikuyo, emhlabeni"

- UThixo udale konke ukutya ukuze baphile abantu, Nguye umniki wobomi. Zonke izinto kwihlabathi lonke zavela / zaqalwa nguThixo.

Amandla kaThixo kunye nendalo

Yonke into esiyibonayo yadalwa nguThixo kwaye indalo igqibelele ngokumangalisayo. Jonga ukusebenza kwenkqubo yelanga, iintyatyambo, izinambuzane, iintaka kunye nezilwanyana. N Ingaba akuhle oku.

UThixo Luthando

UThixo wadala umntu ngokomfanekiselo waKhe (Genesis 1: 26-27) kwaye emva kokuba uSathana wabalinga abantu bawela esonweni. Umntu akazange abe sisidalwa esigqibeleleyo, isono sabohlula abantu kuThixo. UThixo wabathanda abantu kwaye wathembisa ukuthumela uMkhululi. UThixo wathumela uNyana waKhe, uYesu Krestu (Yohane 3:16) owafela izono zabantu. UYesu Krestu uya kubuya asithabathe asise kuye ukuba sihlali sithembekile kuThixo. Siya kuthi kwakhona sifane noThixo njengasekuqaleni, sikhululeke esonweni kwaye la mazwi ayakuzaliseka: “Siya kuba njengaye ...” (1 Yohane 3: 2).

UThixo uyazityhila / uyazibonakalisa

UThixo wasonyula phambi kokuba adale ihlabathi (Efese 1: 4), kwaye ngombingelelo kaYesu Krestu uThixo Wadala umnqophiso omtsha nabantu ukuze sibe nendlela eya elusindisweni

njengoko kubhaliwe kuYohane 14: 6. Ngabo abaPostile kunye neenkokheli ezithanjiswe ngabo:

- UThixo uvakalisa ilizwi laKhe, esibonisa indlela eya ekuhlanglweni,
- Siba yinxalenye yalo mnqophiso mtsha ngokuBhaptizo oluNgcwele ngamanzi (ukuzalwa ngokutsha - isono sangaphambili siyaxolelwe)
- Ngokuthabatha inxaxheba kuMthendeleko oNgcwele sinobudlelwane noYesu Krestu,
- NgoTywino oluNgcwele nguMpostile ophilayo, samkela isipho soMoya oyiNgcwele kwaye ngale ndlela samkela ubuntwana bukaThixo kunye nemfuneko yokuba ngamazibulo.

UThixo nguBawo wam waseZulwini

UThixo uyasithanda sonke kwaye usoloko enalo ixesha ngakuthu xa sithandaza. Uyiva yonke imithandazo yethu kwaye uyithathela ingqalelo. Kufuneka simthembe uBawo wethu waseZulwini. Usoloko ebakhathalela abantwana baKhe.

Inqaku lokuqala Lokholo:

Ndiyakholwa kuThixo, uYise, uSomandla, uMdali wezulu nomhlaba.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Siyakholwa kuThixo uYise, umdali wezulu nomhlaba.
- Sifuna ukumazi uThixo kwaye sithembele kuye ngokupheleleyo.
- Sifuna ukuba nobudlelwane bobuqu ngokuthandaza kunye nobudlelane noBawo wethu waseZulwini kwaye sihlale sithembekile kuYe.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Ziphuma phi na izinto zonke?**
   Impendulo: NguThixo odale yonke into. Wadala izulu nomhlaba ngokugqibeleleyo.
2. **UThixo wadala umntu ngokomfanekiselo wakhe. Yintoni eyenza umntu angagqibeleli?**
   Impendulo: Isono senza umntu ukuba angagqibeleli kwaye samohlula umntu kuThixo.
3. **Wenza ntoni uThixo kwisono sokuqala? Wenza ntoni na?**
   Impendulo: UThixo akazange abalahle abantu bokuqala emva kokuba bonile. Wabathanda kwaye wathembisa ukubathumela uMhlawuleli.
4. **Sithini isifundo seNqaku lokuQala loKholo?**
   Impendulo: Ndiyakholwa kuThixo, uYise, uSomandla, uMdali wezulu nomhlaba.
5. **Kwenzeka njani ukuba sibe ngumntwana kaThixo?**
   Impendulo: NgoTywino oluNgcwele nguMpostile ophilayo, samkela isipho soMoya oyiNgcwele

Amanqaku ongezelelweyo Bazali abathandekayo

1. Njengenxalenye yomsebenzi wasekhaya, umntwana wakho kufuneka afunde inqaku lokuqala lokholo alazi ngentloko.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo onaMandla onke nongunaphakade, enkosi ngale mini imangalisayo

Ngombulelo sizithoba phambi kwakho namhlanje kwaye siyakubulela ngokusinika elinye ithuba lokufunda

Siyakucela ukuba usuncede namhlanje ukuze sikwazi ukuqonda nokusibamba isifundo, kodwa kwinto yonke sinike amandla okusisebenzisa kubomi bethu bemihla ngemihla

Sikucela oku egameni likaYesu. Amen